# Tixo Wam ! Tixo Wam ! Undishiyelanina ?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Lilizwi elo makowetu ! Awati akudandaluka ngalo u Yesu ; Arazuka Amazulu : Wacandeka Umhlaba : Zatotywa kwa Nenceba : Azi ke tina siyakudanduluka xa lipina Ilanga ; sishiywe kangaka nje ngu Tixo ? U Yesu Yena wati akubona ukuba kunzima ngoku wak'alela ku Yise : Akatshongo Yena ukuti niyabona ke unzima nje lo Mtwalo ndenziwe ngu Judas lo : Hay' kona ! Oleseshayo makaqiqe ! Wasuka watwala lo Dyokwe wayeyibekwe ngu Yise wawa evuka nayo wada wapumelela : Inkokeli zetu ke maziyeke ukubonana zodwa ubu Judas ; kuba ke Isizwe sona asiyazi nengu Kayafa singenakuyazi nengu Pilate :—

Halahoyi ma Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomhlaba
Entlalweni nembambano sinjani
Namaratshi okungazi anjani ?

Ndizakusongoma ndibuyelela
Ndinguyawavela bati wavela
Into efungwa nangosebeleni
Zigqushe ne Nkosi Zidlobe 'nkundleni.

Kade simemeza amazwi atshile
Kwane nceba zezulu zisishiyile
Nango namabala ati danduluka
Abaqondayo bobeta besotuka.

Tixo wam Tixo wam undishiyeleni
Latsho e Golgota nase manxuweni
Lenza Isijwili lat' uzukumbule
Lenzala e Afrika ite r'er'elele.

Inkokeli e Afrika mazivuke
U Yehova usimema ngako konke
Ziyeke lento yokuba ziqulana
Utini yena u Gqira Rubusana ?

Watshixwa Afrika ngamakamandela
Kuba kaloku uyiposil' indlela
Washiywa lusapo washiywa yimfuyo
Washiywa li kaya tu-nto sekuyiyo.

Yinyuse Ingxelo iye ko Pezulu
Upande pantsi uxel' amahlungulu
Yiti yonke into yaba ngamampunge
Ento zokudlala odwa amampunge.

Taru Afrika Ntsimi ye Afrika
Abantwana be Nkosi bayapela zinc'uka
Nempungutye yanyisa amatole ayo
Aba ke ? Bate dwe ? Ubabonayo ?

Ngoko wodanduluka ninina
Uti Tixo wam undishiyela nina
Yenza njengendoda konya " Izililo "
Uvuke usiwa guqa nangedolo.

Inzima le Nduli inyukwa ngu Ntu
Inzima yapantse yoyisa no Mkrestu
Wax'apa magwebu wasibhongob'iya
Wati nzwi nendlebe waxel' unobiya.

Yimali ilibhaxa kule Nduli
Ngu mona ulibhaxa kule Nduli
Ngoko ke sixakiwe ukuyinyuka
Makapike ke oqele ukupika.

Yabinza Inkwenkwezi Isixelela
Zeniyeke izitixo notshabalala
Yayingumkokeli ikokela tina
Ulo Mkokeli wasikokela tina.

Camagu ! !